YINTONI UMTHETHO WEMBEWU?

Imithetho yembewu iveliswe ngoorhulumente nabezoshishino ukuze kulawulwe icandelo elizinzileyo okanye ukurhweba ngembewu. Kwakhona ilawula imigaqo yelizwe neyezoshishino lokurhweba ngembewu elawula umgangatho nobumsulwa beendidi zembewu.

Imithetho yembewu isingatha

- iintlobo ngeentlobo zeenkqubo zokuvelisa;
- ukwenziwa kwezatifikethi zembewu;
- iinkqubo zokulawulwa komgangatho wembewu; kunye
- neenkqubo zokuhlaliswa kwezinto zodwa ngenxa yesifo nokujongwa kwezifo zezityalo – ukuze kulawulwe izifo nezinambuzane.

Kukho iintlobo ngeentlobo zeekomiti zokukhulula zikazwelonke namaziko okukhupha izatifikethi zembewu kunye neenkqubo ezisebenzayo ezihambisana nemithetho yembewu. Ezi nkqubo ziluncedo kwiinkampani zembewu zabucala, ezifuna ukurhweba ngembewu ephuculilweyo ukuze zikwazi ukwenza ingeniso.

Ukuze imbewu yamkelwe ngokusemthethweni ukuze ithengiswe kwilizwe elo, imele ibe nezinto ezikhethekileyo eziyenza ifaneleke, okanye imigaqo ethile, ebizwe ngokuba yi-*DUS*. (u-*DUS* umela u-*distinct [efana yodwa]*, u-*uniform [eyiyunifomu]* kune no-*stable [esisigxina]*.) Iintlobo ngeentlobo zembewu eziyunywe ngokusemthethweni zidweliswe kwi-***National Variety List (Uludwe Lukazwelonke Lweentlobo)*** okanye ***Ikhathalogu***. Emva koko, ezi ntlobo ngeentlobo zembewu zimele zinikwe isatifikethi ngokuvisisana nemithetho neenkqubo ezingqongqo ezimisela umgangatho wembewu nobumsulwa.

UmThetho Wembewu sisixhobo esisetyenziswa ukuthathela indawo nokuyekisa inkqubo yembewu elawulwa ngumfama. Oku kunefuthe elibi kwiintlobo ngeentlobo zasekuhlaleni nakwiinkqubo zembewu zamafama, nakwingeniso yeentsapho nonqabiseko lokutya.

www.acbio.org.za info@acbio.org.za Tel +27 (0)11 486 1156

duducoelho.com